Isalathiso: 20160317-8895
14/7/1/2
Imibuzo: TJ Magwaca

Isetyhula: 0013/2016
Umhla wokuphelelwa: 01 Julayi 2016

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele ; kuBalawuli abaziiNtloko ; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili) ; kumaSekela Balawuli ; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuMpathi: weZoncedo ngezeKharityhulam; kuBacebisi ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe; kuMphathi wezeNgcaciso: uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimthebhile namalungiselelo eeMviwo zikaMeyi – Julayi 2016 yeSatifikethi seMatriki*

Isihloko: Ithayimthebhile yokugqibela namalungiselelo eeMviwo zikaMeyi – Julayi 2016 yeSatifikethi seMatriki

1. Fumana ikopi yethayimthebhile **yokugqibela** yeemviwo zeSatifikethi seMatriki yangoMeyi – Julayi 2016.

2. Ezi mviwo ziqala nge-25 Meyi 2016 ziphele nge-01 Julayi 2016.

3. Izifundo/amaphepha oviwo abhalwa ngeeholide zezikolo, ziyakubhalwa ngeeseshoni zakusasa ngo-09:00 kwakunye neeseshoni zasemva kwemini nge-14:00.

4. Amaziko eemviwo ekuza kubhalelwa kuwo iimviwo zeMatriki aya kwabiwa ngokweendawo ekuye kwagqitywa ngazo liSebe leMfundo leNtshona Koloni.

5. Ngokumalunga nokuvunyelwa kwabaviwa bangene kwigumbi loviwo, abagadi babaviwa mabaqinisekise ukuba ngamnye umviwa ubonisa ileta yakhe yokuvunyelwa ukungena kwakunye nesazisi sakhe. Abagadi babaviwa mabawunyanzelise ngokungqongqo lo mqathango oyimfuneko wokuvunyelwa kwigumbi loviwo. Nakuba kunjalo, umviwa ongaphumeleliyo ukuveza uxwebhu oluyimfuneko (amaxwebhu ayimfuneko) okungena kwigumbi loviwo makangathintelwa ukuba abhale olo viwo luthile. Umviwa ochaphazelekayo makaveze uxwebhu olufunekayo (amaxwebhu

afunekayo) ngosuku olulandelayo. Ukuba loo mviwa akaphumeleli ukuveza uxwebhu olungekhoyo olufunekayo (amaxwebhu angekhoyo afunekayo) ngosuku olulandelayo, oko makwaziswe njengesitenxo ze kulandelwe inkqubo eqhelekileyo ephathelele kwizitenxo.

6. Makaqinisekise umgadi wabaviwa oyintloko ukuba abaviwa bangena kwiziko lokubhalela uviwo kwimizuzu eyi-35 phambi kwexesha lokuqalisa uviwo elisemthethweni leseshoni yoviwo. Eli xesha liya kusetyenziswa ngolu hlobo lulandelayo:

6.1 Imizuzu eyi-25 yokuqala mayisetyenziselwe ukuhlalisa abaviwa kwiindawo ezichanekileyo, ukukhupha amaphepha emibuzo neempedulo kunye nokufunda imigaqo yeemviwo.

6.2 Kwimizuzu eyi-10 eseleyo abaviwa mabanikwe ithuba **lokufunda** lonke iphepha lemibuzo.

6.3 Ukubhala okanye ukwenza iinowuthsi akuvumelekanga ngalo naliphi na ixesha kwithuba lemizuzu engama-35. Ukophulwa kwalo mthetho kuya kuthathwa njengesitenxo *(an irregularity)*.

6.4 Abaviwa mabagqibe ukubhala ngexesha eliboniswe kwithayimthebhile yoviwo.

7. Abameli abavela kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*), u-UMalusi kunye neSebe leMfundo esiSiseko baya kuzibeka esweni iinkqubo zeemviwo kumaziko okubhalela iimviwo

8. Uyacelwa ukuba wazise okubhalwe kule setyhula bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iiMviwo zeMatriki yangoMeyi – Julayi 2016.

ISAYINWE: NGU-PA VINJEVOLD
INTLOKO: YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-04-06